INDLELA UBHUTI WABAMANGALISA NGAYO

Umbhali : Marita Rademeyer

Umzobi : Carla Gaum

Isihloko : Esikujongele phantsi kungaba ngamandla

Iminyaka : Yonke ifanelekile

UBhuti (ithetha ukuthi bhutana ngesibhunu, olunye ulwimi lwalapha emzantsi afrika) wayeyimfene, eyayihlakaniphe ihlonitshiwe emhlambini wayo.
Wayethanda ukujinga nokukhwela nokujinga nokuqakatha.
Wayekwazi ukujinga esebeni ebambelele ngeminwe emibini . Wayekwazi ukukhwela phezulu kowona mthi umde webhanana.
Wayekwazi ukujinga komnye umthi ukuya komnye ngaphandle kokuwa. Wayekwazi ukukhwela phezu kwe ndlulamthi, emi ngentloko yakhe. Wayekwazi ukutsiba enqumla umlambo apho kukho ixhego lokrebe lihlala khona. Waye lichule ekuphoseni izinto.Kangangokuba wayekwazi ukugibisela indlovu phakathi kwamehlo ngokhozo lwengqolowa ngapha kwemithi elishumi.
UBhuti wakhe khawulezisa njengombane. Wayekwazi ukubamba imbuzane ngaphantsi kwempumlo yencanda.
Uyakwazi ukuba iinwele kumsila kadyakalashe okanye usiba kwindlu yesikhova.
Uyakwazi ukubopha imisila yonomatse ngephanyazo kweliso.
Uyakwazi ukuukuchwetha impumlo yenyoka ukuyenza ithimle.
Uyabona ukuba ubhuti unemangalisayo nezingaqhelekanga iitalente .
Uyakwazi ukugquma njenge ngonyama ukwenzela izinambuzane zipenike (zibhideke) ehlathini.
Kuluzisi ngokuba ezinye iimfene (ingakumbi umama wakhe no tatawakhe)babengayamkeli italente yakhe! Enyanisweni, babesithi akanazo iitalente wayengeyonto kwi femeli nakwi qela lakhe.
Xa utata wakhe wayemcela ukubaajonge udade wabo omncinane,wayemgezela emtsala ngomsila.
Xa umama wakhe emthuma ukuba ayokuthatha amabhanana ukwenzela ifemeli,weza namabhanana amathandathu emlonyeni wakhe.
Imini yonke abazali bakhe babemphoxa bemnyemba bemkhwaza: "Yeka ukushukumisa amasebe ! udade wenu uzakuwa! Ngubani ohlabe imingxunya eludongweni lwembovane? Coca isebs lakho! Khupha lomaqunube ezimpumleni zakho! Ngubani obeke ukrebe entlokweni katata wakho ?"
UBhuti wayezidlalela engayhazi ukuba kutheni wonke umntu wayesoloko emkhwaza.
Udade wabo wayengafuni ukudlala naye.Abamelwane babekhalaza ngaye.Wonke umntu wayengaphesheya kuye (engamcacelanga).
Loonto yayimenza aqumbe abenomsindo. Ke ngoku yintoni anokuyenza kuye ezomenza azive ngcono? (bhetele).
Ubeke iimbovane ezinweleni zikadade wabo wabeka amaxolo ebhanana phezu kwe nyoka endala enomsindo. Oku xa unokucinga, yenza ingxaki ngakumbi ngobhuti.
Ngokuhamba kwexesha ubhuti uziva ngakumbi nangakumbi eyedwa equmba nangakumbi.
Ngendlela wayequmbe ngakhona wayethanda ukungena ndzulu ehlathini eyo gibisela amatye nokophula amasebe.
Ngelinye ixesha waye khwaza imithi: "Yekani ukundikhwaza nonke! Ndiyagula yiloonto kwaye ndinomsindo nyhani. Aniqondi ndifuna umhlobo endinokudlala naye?" Kodwa ihlahi zange limphendule.

Ngobunye ubusuku ubhuti wayengakwazi kulala.
Iinzwane zakhe zazingcangcazela, indlebe zazi rhawuzelela ,isisu sakhe sasenza ingxolo engaqhelekanga ngoba waye lambile.
Wayesoyikangenxa yobumnyama kodwa inyanga yayikhanya wahamba eyokufuna ukutya - ibhanana okanye isinambuzane esikhulu esinomhluzi,into endinokuyi nkwantsha.
Uye watsiba phantsi ebone ilityе elimenyezelayo enyangweni, ukuqule ilityenjengomama notata wakhe ngendlela abamfundise ngayo – apho kwakukho etyebileyo enomhluzi isinambuzane,sisebuthongweni.
Uvale amehlo waginya kwakanye, wabhodla kakhulu kabini. Uye wavula amehlo wafumana okona koyika ebomini bakhe – enkulu ingwe ibihamba izimela ngemithi apho ezinye iimfene zazilele khona.
Umzimba ka Bhuti watyhafa kukoyika. Imilenze yakhe ingcangcazela,umsila wakhe wenza iqhuma isisu sakhe savakala kakubi kakhulu.
Uzame ukukhwaza kodwa akwaphuma lizwi. Wakhumbula imini awahlaselwa yihayena yaphantse yamluma umsila nangexesha ahlaselwa yindlovu yaphantse yamnyathela.
Wasinda kwezo nakule uzosinda.
Wayesazi ukuba kufuneka encede ifemeli yakhe nezinye iimfene, uye waqalisa ukulandela lengwe, ehamba ngokukhawuleza nokuthula.
Akanyathelanga kwisebe elinye, ngalo lonke elo xesha wayecinga kakhulu.
Wayemncinane kakhulu ukuba angalwa nengwe, angenza njani ukukhusela wonke umntu?
Ngephanyazo(ngesiqubulekiso)uBhuti wacinga ngecebo, wayesazi okokuba ingwe inye kuphela inti eyoyikayo yingonyama nomlilo,ayikho enye into.
Wayeyazi indlela yoku gquma njengengonyama kwaye wayekwazi ukubasa umlilo.
(Wayekwazelaphi ukubasa umlilo uBhuti)? Yhazi ngenye imini eyodwa wabona amatye esiwela phezu kwamanye esenza ukuqhashumba kwentlatsi, zaze ezontlantsi zenza umlilo phezu kwamagqabi omileyo.
Kwamsinyane wayekwazi ukubasa umlilo .
Akazange axelele umama okanye utata kuba uyayazi ukuba bebezakuthi,"Ungadlali ngomlilo!")
Ingwe yayihambela kancinane kodwa iqinisekile ukuya kumthi apho ibileli khona ifemeli kaBhuti kwaye wayesazi ukuba ingwe iyakwazi ukukhwela emthini. Ifemeli yakhe yayingazi ukuba ingwe elambileyo yayiba chwechwela kwakufuneka ekhawulezile ukubahlangula.
UBhuti wagoba ecaleni komthi omkhulu, wafumana amatye amenyezelayo amabini wawahlikihla omabini.

Akwenzekanga nto! Waphinda kwakhona,ngelixesha kakhulu. Kwakhona akwenzekanga nto. Wayesoyika ukwenza ingxolo ukuvisa ingwe kodwa ngelixesha wayenza kakhulwana. Kwabonakala iintlantsi zomlilo, ezinye zawela phezu kwegqabi elomileyo,umlilo waqalisa ukubonakala umlilo.
UBhuti wachola igqabi walandela ingwe.waqalisa ukwenza umgqumo wengonyama ngaphantsi komphefumlo wakhe. Ingwe yayikwimithi emibini ukufika kumthi we femeli yakhe ngelixesha edibanisa elicebo lakhe lisebenze.Kancinane ,ngegqabi elifihlwe ngemva komqolo wakhe, waphumela phambi kwe ngwe.Uthathe umphefumlo nzulu wagquma ngowona mgqumo wengonyama, watsibela kwi ngwe, ephethe igqabi elivuthayo njengomkhonto.
"Grrrrrww!"Amehlo engwe amakhulu emnyameni, amakhulu ingathi zipleyiti, Yaphakamisa umlenze wabetha ubhuti kwakanye.
Wajika umsila wanyamalala ukungena ehlathini,ekhonya lukoyiko. UBhuti washiywa esamangazekile. Utyhutyhe ebumnyameni wangqubeka ngentloko emthini.
Ukungxola kwengwe kwavusa umhlambiwonke.
Babemangalisiwe ngelixesha uBhuti ephuma Phakathi kwemithi ebonakala ekukhanyeni kwenyanga.
Babebuzana, "Ingaba nyhani nguBhuti nyhani osisindise kwi ngwe?" Ngelixesha ezinye iimfene zixhumaxhuma luvuyo, umama no tata ka Bhuti behlika emthini besiya kunyana wabo olikroti.
Umsila wakhe wawutshe kancinane uboya bakhe babunamagqabi kodwa yena wayengumqabaqaba. Bamanga bathi,"Nyana siyazidla ngawe!" Eva koko bamnceda ukuya emthini we femeli waze udade wabo wamanga kakhulu .
UBhuti, xa unokucingisisa,wayengumgqwesi (Bhoza) yomhlambi.
Babezidla ngaye . Ekugqibeleni italente yamkeleka – kakuhle. ezinye zetalente zakhe.
Akukho nomnye owaqhela indlela atya ngayo oononkala xa bephila bekhabalaza.